YOU AND YOUR RIGHTS

ISibonelelo sokuKhubazeka

Unakho ukwenza isicelo seSibonelelo sokuKhubazeka ukuba **uswele ngokwasezimalini** kwaye unokukhubazeka okukuthintelayo ukuba uzondle.

Kufuneka wamkele **ngaphantsi kwe-R6 150 ngenyanga** (umntu ongatshatanga) okanye **i-R12 300 ngenyanga** (isibini esitshatileyo). Iimpahla kunye nepropati yesibini onayo nazo kuya kuhlolwa ixabiso lazo.

Ukususela ngomhla woku-1 Oktobha 2018, esona sixa siphezulu sesibonelelo esingahlawulwa sasiyi- **R1 700 ngenyanga**. Kambe usengazuza ngaphantsi kwaso, njengoko uye ufumana isibonelelo esincinane ngokuye usamkela kakhudlwana.

Ungenza isicelo sesibonelelo kwiofisi yakwa-SASSA ekufuphi – akuhlawuli nto ngokwenza isicelo.

Kufuneka ube ngummi weloMzantsi Afrika, umhlali ngokusisigxina okanye imbacu ube phakathi kweminyaka yobudala eli-18 nengama-59. Abanye abantu bamanye amazwe abakho selungelweni lokusixhamla.

Kufuneka uze **nobungqina bezonyango** bokukhubazeka kwakho kwakunye namanye amaxwebhu – anje ngesazisi kunye nobungqina besimo sakho ngokwasemtshatweni kunye nomvuzo. Kodwa ukuba akunawo la maxwebhu, usenako ukwenza isicelo usebenzisa ezinye iintlobo zesazisi.

Ukuba akukwazi ukuya buqu kwii-Ofisi zakwa-SASSA, abakwa-SASSA baya kwenza amalungiselelo okuba bakundwendwele ekhayeni lakho ukuze ugcwalise uxwebhu lwesicelo. Emva koko unakho ukumelwa ngumhlobo okanye lilungu losapho.

Abakwa-SASSA baya kugqiba **ngexesha** lesibonelelo ngokobude bexesha ekungenzeka uhlale ukhubazekile ngalo.

Ukukhubazeka **umphelo** lixesha elide kuneenyanga ezili-12 – ngexa ukukhubazeka **kwethutyana** kusukela kwiinyanga ezi-6 ukuya kutsho kwezili-12.

Ukuba isibonelelo sakho siyavunywa, ungenza isicelo isicelo soncedo lwethutyana olukuhlobo **loNcedo lwezeNtlalo kwiMbandezelo (i-SRD)** ngexa ulindele intlawulo yakho yokuqala. Imali ye-SRD iya kutsalwa kwisixa sesibonelelo sakho.

Ukuba udinga unonophelo ngokuthe rhoqo ekhaya, usenakho ukwenza isicelo **seSibonelelo-Ncedo**.

Kuxhomekeka kwindlela owakhubazeka ngayo, usenakho nokufumana izibonelelo ezivela kwi**Ngxowa-mali yeeNgozi zeNdlela (i-RAF)**, **iNgxowa-mali ye-Inshorensi yabaNgaphangeliyo (i-UIF)** okanye **iNgxowa-mali yeMbuyekezo ngeeNgozi neZifo ezifumaneke eMsebenzini (i-COIDF**).

Ukuba umzi wakho uswele, ungenza isicelo **“sobumpula kalujaca”** kwiiOfisi zikaMasipala wakho – oku kungakunceda kwiindleko zamanzi, zombane kunye nakwirhafu yendlu.

BLACK**SASH**

MAKING HUMAN RIGHTS REAL

“Wonke ubani unelungelo lokufumana ukhuseleko lwezentlalo, kuqukwa, ukuba akanakho ukuzondla yena nentsapho yakhe, uncedo lwezentlalo olufanelekileyo. Urhulumente kufuneka athabathe amanyathelo afanelekileyo omthetho kunye namanye amanyathelo, kangangokuba enakho, ukuze afezekise ukuthi gqolo kokufumaneka kwelungelo ngalinye kula.”

- ICandelo 27 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika

“Wonke ubani unelungelo kwisenzo sezolawulo esisemthethweni, esifanelekileyo nesingenasheyi ngokwenkqubo... kwaye wonke ubani omalungelo akhe athe aphulwa ngenxa yesenzo esithile sezolawulo unelungelo lokuba anikwe izizathu ezibhaliweyo.”

- ICandelo 33 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika .

UKUZIKHWEBULA NGOKWASEMTHETHWENI: Ngexa kwenziwe zonke iinzame ukuqinisekisa ukuba ulwazi olupapashwe apha luchanekile, abakwa-Black Sash abathwali xanduva ngayo nayiphi na ilahleko okanye umonakalo ongadalwa kukuthembela okanye kukusebenzisa olu lwazi. Iziqulatho azithethi zingcebiso ngomthetho. Olu xwebhu lolwazi lugqibele ukuhlaziywa ngo**Oktobha 2018**.

Ngayo nayiphi na imibuzo onganayo ngezibonelelo, tsalela inombolo yoncedo yakwa-SASSA engahlawulelwayo:

0800 601 011

Tsalela **INOMBOLO YONCEDO yakwa-Black Sash** ukuze ufumane inkxaso neengcebiso zezomthetho **SIMAHLA**:

BLACK SASH HELPLINE

072-66 33 739

help@blacksash.org.za

YOU AND YOUR RIGHTS

ISibonelelo sokuKhubazeka

(IsiXhosa-Disability Grant)

BLACK SASH

MAKING HUMAN RIGHTS REAL